DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## ICANDELO A: ISIHOBE

## VUKANI MADODA KUSILE

## UMBUZO 1 (ISINCOKO SONCWADI)

## AFRIKA LIKHAYA – W Shasha

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Kwistanza soku-1**

- **Kowu aphin'amadodana**! - Imbongi iqala nje isebenzise isikhuzo ukuphuhlisa ukuba kukho into eyothusayo nengabaphathanga kakuhle, ngokwenza njalo ihlaba ikhwelo icela amadodana. Apha kuchongwe igama '**amadodana'** ukutyhila ukuba umcimbi ufuna abantu abasebatsha bona banamandla okulungisa izinto ngokukhawuleza.

- **Intombi kabawo bayenzakalisile, Izidlwengu zezidlamlilo** – Apha imbongi isityhilela intombi ibizigcinile. Umbhali uchonge la magama ' **izidlwengu zezidlamlilo**' ukubonisa ukuba aba bantu abanalusini. Isidlwengu ngumntu ozithathela ngolunya kwezesondo ukanti zezidlamlilo sisichazi esibonisa umntu ongenalusini onokutya nomlilo. Konke oku kuphuhlisa indlela enolunya ephangwe ngayo iAfrika ngabasemzini.

- **Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo** – Apha imbongi ngokuchonga igama 'kugqruba ubonisa ukwenza unothanda koothikoloshe, thikoloshe abo banxulunyaniswa nomoya ongendawo. Oku kuphuhlisa indlela asele bephethe ngayo abasemzini kwindlu kabawo. Indlu kabawo imele i-Afrika. **Ngcango festile ziyalengalenga** - Ukuphuhlisa umonakalo owenziwe ngabantu basemzini eAfrika imbongi ithi' **Ngcango festile ziyalengalenga** lo mfanekiso- ntelekelelo utyhila iingcango neefestile ezingavalekiyo nezizijingelayo nje.

- **Rhuthu intong'am ndaphakamisa** – Imbongi isebenzise isifanekisozwi u-'Rhuthu' ukuphuhlisa ukuthatha ngokukhawuleza isixhobo esiyintonga. Lo mqolo usinika umfanekiso – ngqondweni weliso ophuhlisa indlela abathabathe ngayo intonga ngokukhawuleza ngeenjongo zokugalela. **Yangen'imbumbulu bandosela** – Kulo mqolo kuphuhliswa ukusetyenziswa kwesixhobo esinobungozi umpu lo gama amaAfrika wona ayesilwa ngeentonga. Kule miqolo mibini kusetyenziswe uchasaniso xa imbongi ivelisa ukwahlukana ngezigalo kwabaNtsundu nabaphangi.

**Kwistanza sesi-2**

- **'Ndogxek'iNciba noMzimkhulu, ngokundingqinga ndingenzanga nto'** – Imbongi iqalekisa ubukho bale milambo iNciba noMzimkhulu kuba ibonakala njengemiqobo. Igama 'ukundingqinga' ibonakalisa ukungakwazi kwembongi ukuya na phina ngenxa yokuthintelwa yile mida yale milambo mibini.
  Ibinzana **'ndingenzanga nto**' apha imbongi ibonakalisa ubumsulwa nokwenziwa kwento ongayithandiyo.



NWS

**Kwistanza sesi-3**

- **Ndongqiyaza ndigxanye- Ndithintelwe lulwandle!** Igama **Ndongqiyaza** - libonakalisa ukuhamba ngokuzithemba nokuzithanda. '**ndigxanye**- libonisa ukuhamba ngemitsi ukhululekile usiya apho uthanda khona. '**Ndithintelwe lulwandle!** Imbongi iqaqambisa inkululeko eya kuba seAfrika uhamba apho uthanda khona unqandwa lulwandle kuphela xa kususwe le miqobo. Imbongi ibonisa utshintsho nenkululeko enokuthi ibekho eAfrika. **[10]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UNXUNGUPHALO – N Shasha**

2.1 Isaci.√ (1)

2.2 Ukuthetha yonke into ekuwe ungashiyeleli ngomba othile.√√/Ukukhupha yonke into engaphakathi kuwe ngento ethile√√/ukuphalaza imbilini yakho√√/ Ukukhupha imbilini√√ /Ukuthetha wophele. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

2.3 Kudandalaziswa indlela abantu abamnyama abaphatheke kakubi nababulawa kabuhlungu ngayo umhla nezolo.√√ (2)

2.4 Imbongi isebenzise isibaxo ukusizobela iqondo lempalalo-gazi eliphezulu ngayo√√/Isebenzise isifaniso ukusizobela iqondo lempalalo-gazi eliphezulu ngayo.√√/ Imbongi isebenzise umfanekiso ngqondweni weliso ukusizobela indlela igazi elimpompoza okanye elinkcenkceza ngayo.√√ (2)

2.5 Le miqolo ifana ngenani lamagama asetyenzisiweyo√/ifana ngokuba mane amagama asetyenzisiweyo kumqolo ngamnye√/Umqolo ngamnye wakhiwe ngamagama amane√.

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.6 Imbongi isifundisa ngempatho gadalala yabantu abamhlophe kubantu abamnyama.√√/Isifundisa ngokubulawa ngokungenalusini kwabantu abamnyama bebulawa ngabantu abamhlophe.√√

(Nayiphi na impendulo **echanekileyo**) (2)
**[10]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

Hm NPL O.T. NWS

2014 -11- 27
PUBLIC EXAMINATIONS

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA – DLP Yalimanisi**

3.1 Inika intsingiselo yokuba amaDlomo ngabantu abakholelwa kwisiko lokwaluka.√/UMandela uzalwa ngamaDlomo akholelwa kwisiko lokwaluka.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.2 Umfanekiso ngqondweni womntu omde.√√/ Umfanekiso ngqondweni womntu osukileyo egadeni. √√ (2)

3.3 Ezi zafobe zityhila ukungafumaneki lula nokuphuncuka kwakhe sele besithi bambambile.√√ (2)

3.4 Umbhali usebenzise ulwimi olunochasaniso ukuphuhlisa ukuba uMandela nangona wayefundile wayengena kuzo zonke izinto ezenziwa ekuhlaleni.√√ (2)

3.5 Isitanza sesibini sinemiqolo esibhozo kanti isitanza sesithathu sinemiqolo elishumi.√/ Isitanza sesibini sinemiqolo emifutshane ukuze isitanza sesithathu sibenemiqolo emide. √ (1)

3.6 Yimfundiso yokuba uMandela ngumntu ongathuliyo xa ebona izinto zisonakala.√√/Yimfundiso yokuba intshukumo zikaMandela zenza ukuba abasemagunyeni bangafumani kuzinza kwatsho kwakho utshintsho kuMzantsi Afrika uphela.√√/Yimfundiso yokuba iimfundiso zakhe azizange zichaphazele uMzantsi Afrika kuphela zachaphazela iAfrika yonke. √√

(Nayiphi na impendulo **echanekileyo**) (2)
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UMLAMBO – N Thuthani**

4.1 Sisikweko.√ (1)

4.2 Ngumfanekiso-ngqondweni wento ekhukulisa icoce zonke izinto ezimdaka.√√ (2)

4.3 Ityhila intsingiselo yokuba abantwana bashiyeka bodwa bengenabazali ngenxa yokubulawa ngumlambo.√ (1)

4.4 Umbhali usebenzise ubuchule bokusebenzisa la magama 'Sinqule sizithuthe, ayeleleneyo magama lawo aphuhlisa umnombo nenkcubeko yabantu. √√ (2)

4.5 Sakhiwe ngemiqolo emine kuphela eli xa ezinye zakhiwe ngemiqolo emihlanu.√/ Kwisitanza sesithathu imiqolo imbalwa kunezinye izitanza zombongo. √ (1)

(Nayiphi na kwezi)

4.6 Yimfundiso yokuba yonke into inamacala amabini, icala elibi nelihle njengomlambo.√√ / Nangona umlambo lo uluncedo ebantwini ukwayingozi. √√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

4.7 Umbhali usebenzise imvano-siphelo. √ (1)
**[10]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NDLELA NTLE – OT Ncanywa**

5.1 Kukumamelisisa into eza kuthethwa.√ (1)

5.2 Igxininisa uluvo lokuxongxwa nokulungiswa ulungiselelwa iimeko zobomi.√√ / Igxininisa uluvo lokuba akukho nto bangayenzanga onke amatiletile bawenzile.√√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

5.3 Ushiyo lwesikhamiso luyondelelanisa intetho√/Ushiyo lwesikhamiso lwenze isingqisho.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.4 Sityhila ukuba mabaqiqisise bangenzi nje nantoni nakanjani ebomini.√√ (2)

5.5 Le miqolo yohluka ngenani lamagama akhiwe ngayo.√/Umqolo wama-20 unamagama amahlanu kanti umqolo wama – 21 unamagama amane.√ (1)

(Nayiphi na kwezi)

5.6 Imvano-siqalo.√ (1)

5.7 Umoya wembongi uchukumisekile, iyavuya √ kuba ootitshala bakwenzile konke ngoku bayabakhulula.√/Umoya wembongi uchukumisekile, ixhalabile√, kuba bayohlukana nabafundi ngoku baza kujongana neezinto ngeezinto zelizwe yiyo loo nto ibalumkisa ngazo.√/Umoya wembongi ichukumisile nangona ivuya ixhalabile√ kuba ootitshala basebenzile ngokugqibeleleyo umsebenzi kodwa inenkxalabo ngelizwe abaphuma besiya kulo√.

(Nayiphi na kwezi) (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## ICANDELO B: INOVELI

## UMBUZO 6 (ISINCOKO SONCWADI)

## NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho lenzeka khona ibali, ixesha elenzeka ngalo kunye nendlela abantu abaphila ngayo. Isimo sentlalo sisetyenziselwa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile ebalini nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Isimo sentlalo sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo, njalo njalo.
- Kule noveli isimo sentlalo siquka ubomi basezilalini ezilokishini nobasezidolophini.

**Ibali ezilalini**

- Liqala kwilali yaseZazulwana, liphinde libuye lize kuphela kwilali yaseZazulwana apho beliqale khona.
- UThole ukhulela aqale ukufunda ezilalini eZazulwana.
- Ukhuliswa ngabazali ababomvu, uNofundile, MaNtuli noFikizolo.
- Emva kwexesha ubuyela eZazulwana enguchwepheshe womfundisi.

**Ibali edolophini**

- Iindawo ezibandakanyekayo zezi zilandelayo: Gcuwa, Bhayi, Knysna, Kapa, Ngilane, Rhawuti, George Goch namaziko emfundo akweli.
- EBhayi kukho amaphepha-ndaba neevenkile zamashishini ezinkulu ezingqina ukuba kusedolophini. Umzekelo, oo-OK noolrvin and Johnson.
- EBhayi kuyaphangelwa ukuze kuphilwe. Umzekelo uThole naye ufike wazifunela umsebenzi.
- Kukho namaqela emigulukudu adiza ubomi basezilokishini. Umzekelo uJoe neqela lakhe.
- Abantu baseGeorge Goch badume ngokunxila nokuthanda iziyolo zeli lizwe de kwathiwa, 'akuyi lubuyayo apho.' Umzekelo, Kukho iindawo ezithengisa utywala de zabe zikufutshane nasezikolweni.

**Ixesha**

- Ixesha lona lelamandulo kodwa sele kukho umfutho waseNtshona. Umzekelo: Kukho zikolo nenkolo yobuKristu sele igqobhozele.
- Amagama la kaThole atolika imvelaphi yakhe kwaye akhangeleka esekeke phantsi kweziganeko ezithile ngenxa yeentsingiselo zawo, umzekelo: Tholelegqwirha, Bhungalipheli noMangaliso.
- Amanye amagama akule ncwadi aphuhlisa ukuphila ngexesha apho imfundo sele ikho nokuthiywa ngabazali ngeenjongo ezithile, umzekelo: Mfundisi uShepherd noNofundile.

- Izakhiwo, iimoto, iinqwelo-moya nezikhululo zazo, umzekelo: iJan Smuts zonke zingqina ixesha nendawo.
- Endleleni ebheka eBhayi kuhanjwa ngemoto yaye kuselwa notywala besilungu ukungqina amaxesha angoku nobomi basezidolophini. Umzekelo: uThole neetshomi zakhe ooThemba.
- Uyagqwesa kwibanga lematriki atsho afumane isipho-mali sokuqhubela phambili ngezifundo zakhe. Inene amaxesha ngamanye kuba naba nabantu abamnyama basanxanelwe imfundo nasemva kokuphumelela ibanga lematriki. Umzekelo: isipho – mali asifumeneyo sokuya kufunda eNgilane.
- Imali yenye yezinto ezafika nabelungu ukufika kwabo kweli lase-Afrika. Ngexesha uThole kwakufuneka aqhubele phambili nezifundo zakhe, kwakudingeka imali.
- Ubukho beengxoxo –mpikiswano ezikolweni neengqungquthela budiza ixesha lokuba sekukho umfutho waseNtshona. Umzekelo: uThole uya kumela ilizwe loMzantsi Afrika kule ngxoxo- mpikiswano.
- Ukusebenzisana kwabantu abamnyama nabelungu eMzantsi-Afrika napheseya kweelwandle eNgilane kutyhila ukutshintsha kwamaxesha. Umzekelo: Ukuya kukaThole eNgilane ngeempembelelo zecawa.
- UThozama ngumongikazi kwisibhedlele esikhulu iBharagwana eRhawutini nalapho asebenza nabelungu. Oku kubonisa ukutshintsha kwamaxesha.
- Ubukho bamapolisa, abafundisi-ntsapho, abefundisi, abongikazi nabafundi kukwaveza ixesha, umz utitshala uZolile ofundisa eZazulwana noMangaliso ongumfundisi ophum'izandla.
- Ukusetyenziswa kwetheknoloji kunxibelelwano nakwezothutho kubonakalisa ixesha langoku.
- Ezi ndidi zabantu zinxibelelana ngolwimi lwasemzini olwalungaziwa ngabaNtsundu mandulo.

**Inkolo**

- Usebenzisa inkolo yamagqirha ukufumana indawo yokuhlala nokuzenzela impilo nemali eKnysna.
- Amaphupha amphatha kakubi de agqibe kwelokuba agoduke.
- Amazwi entshumayelo anenxaxheba kwisigqibo sakhe sokugoduka.
- Zonke ezi meko ziphuhlisa isimo sentlalo saseKnysna nalapho kukho inkolo yobuKrestu nenkolo yesiNtu.
- UThole ufumana izidanga ezimenza afake ikhola yobufundisi entanyeni zonke zezenkolo yobuKrestu.
- Usebenzisa intshumayelo ekhatshwa yikhodiyane ukuloba nokukhwebela ulutsha lwaseGeorge Goch kwinkonzo yamaWesile eyayibizwa ngokuba si-Spes Bona. **[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

7.1 KuseBhayi.√/kumzi othile eBhayi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

7.2 Sisiganeko sokuba uThole ubhaqwa nguJoe othandana noNomsa behleli kunye bethandana waze wabethwa nguJoe.√√ (2)

7.3 Yimpixano yangaphandle√ kuba kungquzulana uThole noJoe neqela lakhe.√ (2)

7.4 Sisimo sentlalo esibonisa imigulukudu yootsotsi basezidolophini.√√/Sisimo sentlalo esityhila intombazana engenambeko nengenisa amakhwenkwe emakhayeni layo.√√/Sisimo sentlalo saselokishini /edolophini kukho amaqela emigulukudu, amantombazana athandana nemigulukudu ekungafunekanga ukuba athandane nabanye abantu kungenjalo ubomi busemngciphekweni.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.5 Usebenzise amapolisa abezihambela ezenzela umsebenzi wawo ukusindisa uThole.√√ (2)

7.6 Ingxaki owayekuyo uThole yayimbonisa ukuba ubomi bakhe buphelile kwaye wayezinikele ekufeni.√√ / UThole bekuphele ubomi balapha emhlabeni eza kuqala ubomi angabaziyo kwelemimoya. √√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

7.7 Yinkolo yokuba wayenethemba lokuba uThixo angamsindisa nangomzuzu wokugqibela ezandleni zooJoe.√√ / Yinkolo yokuba alungiselele indlela yakhe eya ekufeni ukuze axolelwe izono. √√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

7.8 Luzobo oluthe ngqo.√

[Umntwana usenokunika impendulo azixhase okanye anike impendulo angazixhasi] (1)

7.9 Kukufika kukaThole kwaFikizolo sele engumfundisi ehamba noyise.√√/ Kuvuyiswana nokuhlangana kosapho lwakuloThole luphila.√√/UThole ufika engumfundisi.√√/UNofundile udibana nowakwakhe esaphila.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.10 A.√/A. Yezenkolo√/Yezenkolo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

7.11 UFikizolo njengomzali wayekhathazeke kakhulu kukulahleka kukaThole wathi akubuya akamvuyela nje, wamkhuthaza ukuba athabathe umfazi. √√ (2)

7.12 Yayingekho into eyayisenziwa kwaKhohlela engekho uFikizolo ngokunjalo nakwaFikizolo√√/Babephathisene, bebonakalisa ubuzali bobabini ebomini bukaThole olu luphawu lobuntu obugqibeleleyo. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.13 Sisiphelo sebali√. (1)

7.14 UThole ufika kwaFikizolo engumfundisi ehamba noyise.√UThole wayengumqhiqhibelana weqaba kodwa ibali liphela sele engugqirha.√Liphela ibali uThole enekhaya eliyingqili kanti wayezalelwe kwikhaya elingenjalo.√ (3)

**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

### UMBUZO 8 (ISINCOKO SONCWADI)

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho lenzeka khona ibali, ixesha elenzeka ngalo kunye nendlela abantu abaphila ngayo. Isimo sentlalo sisetyenziselwa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile ebalini nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Isimo sentlalo sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo, njalo njalo.

**Ibali elokishini kuQaka**

- Kule noveli ibali liquka ubomi basezilokishini, obasezilalini nobasezidolophini.
- Eli bali liqhubeka kwilokishi yakuQaka ngexesha elalinzima kakhulu lokugqbua kwentambo elushica yengcinezelo, abantu abamnyama bephatheke kakubi ngamaBhulu.
- Ukuthungelelana nokufuthelana ngomoya wezopolitiko njengoko kuselokishini kulula.
  Umzekelo: kubanjwa iintlanganiso emaholweni. Abantu bayanqolotywa.
- Isimo asikho sihle kugquba indlala nentlupheko. Umzekelo: Kwaba lula ukunyotywa kwabantu abanjengooNdlela nooNtsipho ngamapolisa. Amapolisa athenga uMfazwe ukuba abe yimpimpi.

**Ibali ezilalini**

- UMfazwe eSihlahleni. Umzekelo: UMfazwe ubaleka ingalo elushica yamapolisa uzifihla kwaninalume eSihlahleni.
- UMfazwe eMhlabiso. Umzekelo: Zakumtshela izicheku uMfazwe ucetyiswa ngumfundisi uHlathi ukuba abalekele kwaNkosi uZamlandela.
- Isigqibo sombutho amakawulandele usenza apho kwankosi uZamlandela. Umzekelo: Ufika engazi nto tu ngemibutho arhatyuliswe atsho enze isigqibo ngentsimb' ebomvu.
- Iindlela zokuphepha amapolisa uzithweswa yile nkosi. Umzekelo: umnika umnqwazi atsho emyalela nendlela amakawuthwale ngazo ukugquka umkhondo. Umbhumbhutho wemali uwunikwe yile nkosi.
- Umbhali ukhethe iilali namzi apha elalini owenkosi. Umzekelo: Le ndawo ayicingelekanga ukuba inganemigushuzo yezopolitiko.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**Ixesha**

- Ixesha lona lelamandulo kodwa sele kukho umfutho wezopolitiko.
- Amagama abalinganiswa abathile atolika imvelaphi yabo kwaye akhangeleka esekeke phantsi kweziganeko ezithile ngenxa yeentsingiselo zawo uMfazwe, Ndima, Sikhotsholo, Cikizwa nabanye.
- Amanye amagama aphuhlisa ukuba babephila ngexesha lomzabalalo umz: uMfazwe, iimpimpi, namagama emibutho eyayikho iNtsimb'ebomvu anamanye.
- Ngokwexesha nokuba wawungutitshala emagumbini okufundela wawujongwa ukuba ubafundisa ntoni, njani abafundi yiyo le nto kwaba lula ukuba uMfazwe abanjwe ngenxa yabantu abafana nooFriday abathengisa ngegazi labantu.
- Ngokwesimo sentlalo imali yayidlala indima enkulu kubantu yiyo le nto amapolisa ayejingisa inqatha emlonyeni kaMfazwe ecinga ukuba kuya kubalula ukuba athengise ngesizwe sakhe kanti atsho phantsi.
- Ngokwesimo sentlalo ngela xesha abantu babefunyanwa bebulewe ngamapolisa ecinga ukuba umzabalazo uya kuphela.
- Ngenxa yexesha uMfazwe wayengenandlela yakwala xa uMfundisi uHlathi esithi makabhace kuba wabona ukuba kuya kuba lula ukosuleleka kwityala labantu ababulawelwe kwicressida kuba etyholwa njengomntu onyola umbuso. Ubukho bomfundisi bungqina ukuba inkolo yobuKrestu yayisele ingenile kumaXhosa.
- Ngexesha aseluvalelweni apho ufika elapho amagorha omzabalazo afana noKK azincamayo ukuze kukhululeke isizwe. Isizwe sakuQaka asilawuleki ngenxa yokubulawa kukaKK ejele ngamapolisa. Kunzima kuQaka izikolo zivaliwe ezinye zitshisiwe ngenxa yokuba abantu badiniwe yile ntambo ilushica yamaBhulu. Ubukho bezikolo nokutshiswa kwazo, amapolisa nejele ngenene kungqina ukuba lixesha apho sele kukho umfutho waseNtshona.
- Ngenxa yexesha lengcinezelo, izenzo zokungcatshana nokuphela kwenyaniso ebantwini, abantu bayalahleka bebulawa ngokugetyengwa nangokutshiselwa ezindlwini zabo. Abantu bajongana ngezikhondo zamehlo umz: uMfazwe noFriday. Abomthetho batshiselwa izindlu zabo nezinto zaseburhulumenteni. Imfundo iyachaphazeleka ngokuthi izikolo zivalwe ngurhulumente ngenxa yezidubedube eziqhubekayo kuQaka. Umntu nepolisa yinyoka nesele.
- UMfazwe naye elubhacweni uye kujoyina imibutho yezopolitiko ngenxa yokunyanzelwa ziimeko. Uyarhubuluza akukho lula kuye uMfazwe, indlela inyuka umnqantsa kuba endleleni udibana nemiqobo kodwa angayeki abheke phambili. Umzekelo: Amapolisa amane edibana nawo ayenze nzima indlela yakhe eya eMgazi.
- Uyabanjwa kwinkampu yabavukeli mbuso, uyabethwa ade athelekiswe kodwa uphetha esinda ngezikaSibi. Umzekelo: Ngenxa yexesha kucingelwa ukuba uyimpimpi karhulumente.
- Ekhaya emva bayavalelwa abazali ngenxa yakhe kude ekugqibeleni abazali bakhe babulawe uyise aye kufela entolongweni.
- Nakuloo ndlela yomzabalazo uzibona sele engumbulali ngenxa yokukhusela ilizwe lakhe. Umzekelo: Udibana namakhwenkwana nawo angabavukeli atshise ngombayimbayi kuye, akabuzi uMfazwe naye uyatshisa kuwo aphele ewabulala.
- Bayabhaca abantu. Abantu abanjengooSiphiwo bayayishiya ilokishi yabo bawelela kwamanye amazwe ukuze uMzantsi Afrika nawo ukhululeke kule ntambo yengcinezelo.

- Ekugqibeleni uyonyulwa njengomntu oya kwitafile yothethathethwano ukuze kufumaneke idemokhrasi. Umzekelo: Uya kwsithebe sengxoxo iCODESA.
- Ngokwexesha zitshintshile izinto kukhonya ooMfazwe. Umzekelo: Kuphela uFriday sezimjikele, uyabanjwa ityala lakhe lichotshelwa nguMfazwe njengejaji.
- Yonke into engomzabalazo ityhila ixesha esele kukho umfutho waseNtshona.

**Inkolo**

- Umqondiso wezinja kwindlela kaMfazwe yomzabalazo. Umzekelo: Endleleni eya kwaninalume eSihlahleni nezinye.
- Iingcanjana azinikwa nguNdima uyazithabatha. Umzekelo: Ziyamnceda endleleni eya elubhacweni atsho asinde emapoliseni.
- Uncedo alufumane kumzingeli: Umzekelo: Kube lula ukuzisebenzisa njengoko wayefundisiwe nguyisemkhulu ukuba ziyanceda iingcambu namayezana awafumene kumzingeli. **[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

9.1 NguMfazwe.√ (1)

9.2 Ufika eholweni sele kutyalwe umoya wokokuba uyimpimpi ngooFriday√ uyahlaselwa ngabantu, ubalekela emangcwabeni.√ (2)

9.3 UNtsipho wayengenaxesha lankululeko yabantu wayejonge ukuhlohla esakhe njengempimpi ukanti uMfazwe wada wabhaca waya kujoyina imibutho yezopolitiko kuba esilwela inkululeko yabantu.√√ (2)

9.4 Yimpixano yangaphakathi√ kuba iqhubeka kumlinganiswa nesiqu sakhe.√ (2)

9.5 UMfazwe waba nentiyo kakhulu kuNokuzola de akafunda neencwadi awayembhalela zona zimxelela ngonyana wakhe√√/Ngenxa yentiyo uMfazwe wazivimba ithuba lokuba nendlalifa √√/uNokuzola waphela esahlukana noMfazwe√√/Uthando lwabo lwaphela.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.6 Sikwinqanaba lokujiya kwezinto√/lokuyondelelana kwezinto√/kwinqanaba lokukhula kwebali√, Kungokuba akuba ephumile eluvalelweni uMfazwe uyabukulwa ngabantu bakuQaka bekhokelwa nguFriday.√ (2)

9.7 Luzobo olungathanga ngqo√/ luzobo olumayana√, kuba nguMfazwe osixelela ngoCwerhakazi njengoko eve ngoNokuzola.√ (2)

9.8 KuseMgazi.√/ Kwinkampu yamajoni omzabalazo√.

(Nayiphi na kwezi) (1)

9.9 Isimo sentlalo saselubhacweni kuba kungasemhlathini ashinyeneyo√√/kukho amaphempe hayi izindlu zokwenyani√√/kuyaliwa nabantu abalapha baphethe imipu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.10 Kukuphazanyiswa zizithongakazi zemipu yabavukeli ezatsho kwabanda√√/ Babhaqwa liqela labavukeli labasela ngoombayi-mbayi, woselwa uSikhotsholo nomfo omfutshane.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.11 Kungokuba babemcingela ukuba uyintlola.√/ Kungokuba babemcingela ukuba uyimpimpi/ ungcothoza. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

9.12 Umbhali usebenzise isithomo esibaxekileyo sikaNdima njengeyona nto isindise uMfazwe ekubanjweni ngamapolisa√√/Amapolisa alibala kukuhleka isithomo sikaNdima nokubaliselana amabali oothikoloshe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.13 Ufumaneka ukusuka ekuqaleni kwebali de liye kuphela√/zonke iziganeko kulo mdlalo zijikeleze yena.√/Uba nenjongo ethile ayiphumelelisayo√.

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

9.14 UFriday oyimpimpi naye unombutho wakhe wezopolitiko√/Umzabalazo uyaphumelela batsho abantu bakhululeka.√/Ababeye elubhacweni bengafundanga babuya befundile ngenxa yenkxaso yeZizwe ezimanyeneyo.√/Ityala likaFriday ligwetywa nguMfazwe njengeJaji.√/ OoSiqithi nooMfazwe ngabo abaya kuthethathethwano√.

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## ICANDELO C: IDRAMA

### UMBUZO 10 (UMBUZO OMDE)

### AMAZA – ZS Qangule

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Umxholo wale ncwadi ungokungalungi kokunyanzelwa ukutshata nomlingane ongamthandiyo, ukuphelelwa kwesiko lokubonelwa eliba ngunozala wobubi. UNamhla wendiswa ngabazali bakhe ngetshova esendiselwa kwindoda angayithandiyo. Oku kuza nendyikityha yokufa. Kubhubha u'Sidima' no'Zodwa' abe engaziwa umbulali. Umbhali usebenzisa umlinganiswa onguSilumko ukutyhila le ntsindabadala.
- Umlinganiswa onguSilumko uzotywe wangumlinganiswa oyingcaphephe. Umzekelo: Igama alinikwe ngumbhali nalo lingqinelana ngqo nokuhlakanipha akuthweswe ngumbhali bokuba ligcisa lokuphanda.
- Umbhali usebenzise iinkolo zabantu ukuphuhlisa obu buchuphati bukaSilumko kulo msebenzi wakhe wobucuphi. Umzekelo: USilumko uye eSwazini, ngelokulanda umkhondo kaSidima noZodwa Zazile wafika wazenza igqirha.
- Umbhali umzoba abe ngumlinganiswa othetha iilwimi ezininzi. Umzekelo: Uzenze igqirha eteketa efaka nesiZulu.
- Ekucupheni kwakhe usebenzise inkolo yabo ukuze kube lula kubo ukumkholelwa. Umzekelo: Ubaxelele ukuba kunyanzelekile uLizo noNamhla baye kubeka ilitye.
- Uthe baya kulandelwa ngamashwa. Umzekelo: Umoya womfi uya kubadubaduba ukuba abayanga kubeka ilitye.
- Usebenzise ulwazi lokuba bengabantu abakhonza iinkolelo esithi ingqondo ekhonza iinkolo ayikwazi kuhlengahlengisa izinto. Umzekelo: Eli cebo limsebenzele kuba uNamhla ebesele esithi abalali sisiporho.
- Ufumene ikroba ngale meko bakuyo wabayalela ukuba bagoduke bafike ngobusuku, baqale emangcwabeni ngecawa yamangcwaba baye kubeka ilitye.
- Ungumntu oyisebenzisayo ingqondo. Umzekelo: Ubanike amagqabi omthi ekwepile ngelithi ngumthi wokuchitha amandla otshaba, oza kunceda ukuba bangathethiswa bani.
- Uzotywe wangumntu okrelekrele. Umzekelo: Umrhumo wemvumisa yakhe uwamkele ngetshefu ukufumana *'iifinger prints'*.
- Obu bulumko anabo ubusebenzise ukubakhohlisa kuba uthi uphume kwindlu yabo sele embi ebusweni ebona ilishwa elibagudlileyo.
- Esebenzisa kwa ezi nkolelo iintolo uzijongisa kuMaCirha nakumaKristu. Umzekelo: Uyalela amaCirha ukuba aye emangcwabeni ngobusuku, uthi makathethe nomfi uSidima kuba esithi umoya wakhe usalwa namaBhele. Uthi umfi uxoliswa ngokunikwa isitya segazi.
- Ubamfamekisa ngelithi uzise umyalelo wamathongo, angavumi nokuthatha intlawulo.
- Umzekelo: KumaKristu uyalela ukuba agushe nokuba ngumpu omnye ukuzikhusela, nawo amenyelwe emangcwabeni kwangobu busuku.
- Ubayalela ukuba baye ngobusuku benyanga esisonka, ubaxelela ukuba inyanga iza kuba sisonka kwiveki elandelayo. Umzekelo: Le mini uyingqamanisa nobusuku ayalele ngabo ooSidima nooLizo ukuba baye emangcwabeni.

- ULizo noNamhla bafika bezigqumile babeke iyeza abalinikwe kwanguSilumko. Umzekelo: Batsho bangqamana noZodwa Zazile noSidima apho emangcwabeni.
- USilumko ababulali ubabambile ngobu busuku emangcwabeni. Umzekelo: ULizo ungumntu wokuqala ukuyazi ukuba uSidima wafa.
- Uhlakaniphile kakhulu. Umzekelo: Usebenzise ubuthathaka bukaLizo ngokuthi ammemele kwakhe wamntyintya utywala.
- Loo nto imenze waveza nento yokuba unompu, itshisa azenze omlumkisa ukuba ingabhaqwa, umthembisa ukuba akayi kumxela emapoliseni ukuba unokumchazela ukuba wabulawa nguye uSidima.
- Ekugqibeleni ubuchule bukaSilumko ekuncediseni ekuphuhliseni umxholo wokuba imitshato enyanzelisiweyo ayibi naziqhamo zihle buyaqaqamba emangcwabeni. Umzekelo: Kuyatyhileka ukuba asingoSidima noZodwa Zazile ababhubhileyo nguDuma noZodwa waseBhayi.
- Kwakhona kutyhileka ngokukodwa ukuba oyena mbulali nguLizo kaVaxa. Umzekelo: ULizo ufumana isohlwayo esimfaneleyo kuba uphoswa ngaphaya kwezitshixo nguSilumko.
- Phambi kwabengubo namagqobhoka emangcwabeni bonke ubunyani buyatyhileka.
- Lo msonto unyikinyiki udaleka ngenxa yothando olunyanzelweyo usonjululwa sesi silumko somcuphi nolilandeleyo igama lakhe. **[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**AMAZA – ZS Qangule**

11.1 Kusentangeni kaNamhla.√ (1)

11.2 Isityhilela ukuba esi sibini sineenjongo zokuzikhupha kule ngxaki bazibona bekuyo nangona zikhona izinto ekufuneka baziqwalaselisisile√√/Isityhilela ukuba esi sibini sineenjongo zokuzikhupha kule ngxaki yokwendiselwa kukaNamhla kuSidima√√.

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.3 Kukunika umyalelo weqonga√√/zizalathiso zaseqongeni√√/kukuchaza okuza kuqhubeka√√/kukuveza imvakalelo yomlinganiswa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.4 UNamhla uphoxa abazali bakhe kwaye ebabona njengezidenge ngokumendisela ngenkani kuSidima.√√/Uphoxa uLizo ngokungxama afune baqhawule le mitshato yamakhaya hleze babhude bacinge ukuba balumkile ziphumelele izidenge, abazali ngokutsho. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.5 Xa intombi sele ilotyolwe kulihlazo ukuba ibonwe nenye indoda.√ Ayamkelekanga nale kaLizo otshatileyo, osentangeni nomhokamhokana noNamhla. √ (2)

11.6 Luzobo olungathanga ngqo √/Luzobo olumayana√ kuba uchazwa ngomnye umlinganiswa.√ (2)

11.7 UDanile ufika uNamhla emhokamhokana noLizo entangeni nto leyo ingamkelekanga konke konke kwintombi esele ilotyolwe.√√ (2)

11.8 Ukuyondelelana kwebali√/ukujiya kwezinto.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

11.9 Kudutyulwe uDuma wabhubha nguLizo.√√ (2)

11.10 Iveza impixano yangaphakathi anayo uSidima√ ngenxa yokudutyulwa kukaDuma iwele lakhe.√ (2)

11.11 Usebenzise uSilumko njengomcuphi ophume izandla nophande de kwavela oyena mbulali kaDuma.√√/uSilumko wombela isikhumba senyoka ecaleni kwendlu kaMandaba wasikhupha esithi sigrunjelwe nguMandaba.√√/ Waseza uLizo utywala kuba efuna ukuba afumane ulwazi malunga nokufa kooDuma. √√/Waya eSwazini wafika wazenza igqirha√√/Ekugqibeleni wababizela emangcwabeni yatsho yadula yonke inyaniso.√√

(Nayiphi na kwezi). (2)

11.12 Yimpixano yangaphandle√ kuba uyise uDanile umnyanzela ngesoka angalithandiyo.√ (2)

11.13 Kutyhileka ukuba kanti kuhleliwe nje uNamhla ngumntwana kaMalimakhwe.√ uSidima uyavela ukuba akaswelekanga nguDuma lo ubuleweyo.√ uZodwa Zazile usaphila oyinkosikazi kaLizo ayinguye lo ebebulewe eRhawutini.√ uLizo kanti nguye lo ungumbulali.√

(Naziphi na ezintathu kwezi) (3)
**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001

**UMBUZO 12 (ISINCOKO SONCWADI)**

**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

**Umfundi makachankcathe kwezingongoma zilandelayo:**

- Owona mxholo wale ncwadi kukubhunyulelwa kwabantu abamnyama inkcubeko yabo, ukuhluthwa kwemihlaba nokujongelwa phantsi kwamasiko nezithethe zabo.
- USomerset uzotywe wangumlinganiswa odlala indima ephambili ekuphuhliseni nasekukhuliseni umxholo weli bali.
- USomerset uzotywe wangumlinganiswa onesikhundla esikhulu. Umzekelo: uyikholoneli engumphathi wamabutho wamaNgesi nomphathi weMpuma Koloni. Eli wonga akulo libangela ukuba ooFiliphu (umfundisi) bakwazi ukuya kucela umhlaba wecawa nowokuhlalisa amakhoboka akhululweyo.
- Iwonga analo ulisebenzisa gwenxa. Umzekelo: Akahambisani nokukhululwa kwamakhoboka yiBhilitane.
- Uzotywe wangumcinezeli: Umzekelo: Amakhoboka uwabona njengabantu bokusebenza nzima ngaphandle kwentlawulo kuquka nabantu abamnyama.
- Uzithelekisa noNgqika athi yena uvumelekile abe namakhoboka, uyazilibala ukuba uliveza ndlebe kumhlaba wabaNtsundu. Umzekelo: Usebenzisa oku erhwaphiliza imihlaba nemfuyo angenalungelo kuyo.
- Ukwavezwe njengomntu omjongela phantsi umntu omnyama. Umzekelo: Simva xa esothuka uRufus xa esithi uMaqoma ityala lakhe lokutywatyusha ikhoboka liza kuchotshelwa yinkundla kaMaqoma yona imgwebe inkabi yenkomo. Ude athi abamnyama abawazi umthetho kwaye abanawo.
- Uzotywe wangumntu ongayihloniphiyo inkolo yabanye abantu. Umzekelo: Ude athi abamnyama bangabahedeni, imirhangqolo engenamthetho.
- Unendelelo kuba ubabona abantsundu bengezantsi kunabaMhlophe. Umzekelo: wothuka ukuba uMaqoma ufuna ukuchophela ityala lomBhrithane.
- Unesibindi. Umzekelo: Uyalela uMaqoma ukuba akhulule ikhoboka ukuze liye kuye kwinkundla yamatyala. Esi simo sakhe siso esibangele ukuba kube lula ukuthimba ulawulo lwelizwe labantsundu.
- Lisela elitya lizosula simva esithi ufuna imvume yokulanda iinkomo zethu. Umzekelo: Ufunza ooBeau kubusela beenkomo.
- Le nkohlakalo anayo uSomerset ibe nefuthe ekuphucweni nasekwahlukaneni kwabaMnyama nemfuyo elilifa labo.
- Ubonakala enguhlohlesakhe: Umzekelo: Uthi akuzuza iinkomo ngobusela, angoneli, koko ayalele ukuba kusiwe iso uMaqoma kuba emxhalele esithi mninzi umonakalo angawenza.
- Umbona njengesithintelo kwiinjongo zakhe. Umzekelo: Ixhala lakhe yinto yokuba uyise uMaqoma uyathandwa ngabefundisi ukuba bangamchatha bangawutya umsebenzi.
- Le ndlela amzobe ngayo umbhali yiyo eyenza kube lula kuye ukuthabatha abange imihlaba nemfuyo angenalungelo layo.
- Ukhohlakele. Umzekelo: Usondeza amajoni kubefundisi ngokungathi uyabakhusela ngelixa egxeleshe kuMaqoma.
- Ungcolile. Umzekelo: Uthwesa uBisset ngamaqhinga okweyelisela ooFiliphu kuba bengumqobo ekwenzeni intando yakhe kwimihlaba yabaNtsundu.
- Unefuthe elibi Umzekelo: Amahlakani akhe ooBisset aphenjelelwa sisimo sakhe ukuba ababize abaNtsundu, iimfene.

- Akanazintloni. Umzekelo: Ukhalazela uMaqoma ongene ngetshova kummango ababeyalelwe yiBhrithane ukuba bangawuthinti.
- Ungumntu ongancamiyo. Umzekelo: Uyaphindelela ukuthumela amajoni ukuba aya kuba iinkomo zamaXhosa.
- Akaloyiki igazi lomntu: Umzekelo: Uyibetha ngoyaba into yokubulawa kwejoni.
- Uneenkani: Umzekelo: Ufuna ukuwuthimba inkani umhlaba ami kuwo uMaqoma, uthi, 'Uyaxoka, uza kuya kuhlala nezinye iindlavini eziya ziphesheya kweTyhume.'
- Akananyani. Umzekelo: Uzenza ngathi uyawamkela umthetho wokukhululwa kwamakhoboka engawufuni.
- Ungumntu onamacebo okwenzakalisa: Umzekelo: Ucebisa uFiliphu ukuba amthumele kuye uQuka ukuba ubalekele kumaziko abo.
- Unobuqhophololo edibene noFiliphu. Umzekelo: Ukwazile ukumkhupha ngempumelelo uMaqoma kumhlaba wakhe besebenzisa uyise uNgqika. **[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## UMBUZO 13

**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

13.1 ESidutyini komkhulu√/emva kobuhlanti eSidutyini komkhulu.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

13.2 Luzobo olumayana.√/Luzobo olungathanga ngqo.√ kuba usichazela ngesimo sentlalo sabanye abantu.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.3 Atyhila ukuba ifuthe laseNtshona sele ligqobhozele kwimpilo yasezilalini kukhalwa ngoRufus noFiliphu.√√ (2)

13.4 Abantu abamnyama ubabona njengabantu abangoongantweni nabahlalele ukuhamba besarha iindywala zelali.√√ (2)

13.5 Kukungavisisani malunga nokungenela kwenkolo yobuKristu kumaXhosa.√√ (2)

13.6 Ndiyahambisana, kuba impucuko ibonakala njengento eze kutshabalalisa inkcubeko yabantu abaNtsundu kanti izisa ukukhanya eluntwini.√

Andihambisani, kuba impucuko ilutshaba lwenkcubeko yesiNtu kwaye ize kusibhunyulela imihlaba.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.7 Inqanaba lokuyondelelana kwebali√/lokujiya kwebali√/ukukhula kwebali√

(Nayiphi na kwezi)

kuba sibona abantu abaye begqobhoka bengenelela kwinkolo yobuKristu.√ (2)

13.8 AmaXhosa alahle inkolo nenkcubeko yawo yesiNtu bahamba nomsinga wenkolo yamaKristu.√√ (2)

13.9 Sisiganeko sokuhlolwa kwentombi.√ (1)

13.10 Kukuba babeqinisekile ukuba intombi enguNolitha isabugcinile ubuntombi bayo.√√ (2)

13.11 Ingumqondiso wobunyulu bentombi.√√ (2)

13.12 Kukunika umyalelo weqonga√√/kukuchaza okuza kuqhubeka.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.13 Umfundi wale ncwadi ebelindele ukuba uMaqoma akakuyeka ukulwela umhlaba wesizwe sakowabo.√ Uyanikezela ngenxa yokuthobela uyise uNgqika osekhukweni lokufa√. Kunjalo unesifungo esithi ngenye imini uya kuze kuqutyiswane esilwela umhlaba wooyise.√ (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA.

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), makisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini emide kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela umbuzo wokuqala kwiCANDELO ngalinye.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa Intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo emide.*

   Xa impendulo yombuzo omde imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo omde inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kummakishi ophezulu.
   ***Sebenzisa iirubriki zokuhlola ezisisihlomelo A no B kuxwebhu lwezikhokelo zokuseta iimviwo ukumakisha imibuzo emide yabaviwa.***

8. *Imibuzo emifutshane.*

   Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Makisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makishwa impendulo exhasayo.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 27
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## 6.1 ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | 8–10 | 6–7 | 4–5 | 2–3 | 0–1 |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**7 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo.<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe. | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle.<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe. | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo.<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko.<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko.<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**3 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile.<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala. | -Bukho ubungqina besakhiwo.<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo.<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | -Isakhiwo sife amanqe.<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga. |
| **AMANQAKU** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION 2014 -11- 27

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4-5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile. 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo. 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6-7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu. | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>-Imihlathi ineziphene. | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–19** | **10–14** | **5–9** | **0–4** |

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.**



O.T.

NWS